Undincinitile, xu' utete ngotywala Ubufanekisa nasw' isisigebenga, Esiza nge qetsu, elinje ngosana.
Londaw' indoy'sile, namhla ndiyay'bona.
Ute wakuteta ngala mankazana Eza kuhlolelwa, saza sawazeka,
Suke ndamangala, ndasi nkwabalala. Mfondini wotutu ude wandiminya. Wakundibonisa, nge nkwitshi nelishwa,
Elisiweleyo, tina boma-Xosa Ngazo ezi ndwala, zis' kupe nengqondo, Watsho ke waliti—Kupani indoqo.

## IMBALI ZABANTSUNDU.

Mnumzetu ngawubuye ucataze kwakona kulo mvaba yamanene ohlanga, noko ndingemntu unambilini, kodwa ndite ndenyela. Koti nokuba akuseko ndawo apo emvabeni wosowufane wenze. Ukutsho nditi ndinendawo enkulu ekade ndinomoya wokuba ndiyaneke pambi komzi wakowetu, nakuba kwabanye iyakuti ibe ncinane, lowo ote yancinane kuye kuyabonakala ukuba akalukataleli uhlanga Iwakowabo. Mandiyeke nokunaba kuba into le incinane. Ke nanzi ezondawo ndinga umzi wakowetu ungandelekela kuzo. Ndinembali endimana ndizifunda kwelipepa *lisi-Sigidimi* lase Pikeni, imbali ezibalwa ngamanene akuti ohlanga o Mr. Vimbe, Mr. W. K. Ntsikana, Rev. W. W. Gqoba. Rev. P. J. Mzimba, no Rev. Charles Pamla. Ziti ke ezi mbali zakowetu zokuzalana kohlanga, namakosi akowetu zitsho kamnandi, uti nomzimba ube namahlwantsi ndive nam ndizibona ubuntu, nditsiba ngapaya kobumfene ndibushiye ngemva. Ukutsho nditi ezi mbali zakowetu zinani na zakushicilelwa zodwa e Dikeni apo zibe nencwa- dana ezifundwa ngabantwana ezikolweni zemini—mhlaumbi zitengwe nangabadala abakatalele imbali yohlanga?

Kuba lamanene angentla sendibale amagama awo enze inkutalo, nenyameko yokuba ahambe efuna ingwevu zakowawo ezindala, ezimana ezizinto zizicinga ngentliziyo, zibalwe ezintloko. Mhlaumbi leyo ingwevu ibe nendawo eyikohlayo, ixele enye, iti nganiye kumfo ka Nantsi enditi lo ndawo angayitukulula, ati lomadoda akowetu abe nenkatazo yokwenjenjalo.

Kanti lenkatazo yawo akayenzeli luhlanga okwa ngoku kuba ezimbali zawo zibalwa apo e *Sigidimini* zibe luncedwana kubaxasi belipepa losuku olunye, kuse ngomso enze umsebenzi we News Paper zonke.

Kunqabile ukuba ingangcinwa into enkulu kangaka ebifanele ukuba ifakwe kwindawo ezinqabileyo. Nindive kakuhle anditsho ukuti ayifanelekile ukuba ifakwe e *Sigidimini,* nditi nokuba ifakiwe mayingapeleli kuso.

Umhleli makacelwe ngumzi wakowetu wonke ukuba lembali yakowetu ayenzele incwadana yayo ekupeleni konyaka, amane esongeza ngeminyaka ngeminyaka nje ngokufika kwembali zakowetu, kanti nati sode sibe nga- bantu abane History yakowabo. Niyayibona na lento ikoyo ngoku, um-Xosa ngati wadalwa yedwa, um-Sutu ngati wadalwa yedwa, um-Tshaka ngati wadalwa yedwa, i-Mfengu ngati yadalwa yodwa, um-Tembu ngati wadalwa yedwa, nezinye izizwana ezipakati kwezibaliweyo kunye nama- Mpondo ngati adalwa odwa, no Mtwa, ne Lawo, ngoku- njalo, kanti ekwahlukaneni kwentlanga kwakungenjalo, ziyazalana zonke zahlukene ngezitembu?

Nala madoda namhlanje alaulayo amhlope eyakowawo imbali ayigcinile, yashicilelwa iminyaka ngeminyaka, nezinye incwadi zisalungiswa nanamhla indawo eziposise- kileyo, akuko tyala kumntu owayiqalayo.

Ukutsho mawetu nditi le ndawo ndiyibeka pambi komzi, ukuba mawuyikangele, uti ukuba awuyiboni. ungayiboni, uti ukuba uyayibona ihle le ndawo icelwe kamsinya ku Mhleli aze ati la madoda ohlanga endiwabalileyo ngasentla awubone umsebenzi wezandla zawo; ngokuba kuko indawo enditi fanukuba siyilibele. Kunqabile apa emhlabeni uku- fumaneka komntu osebenzela uhlanga.

Singati silahlekwe ngala madoda kunye nezi ngwevu, kungabonakala ukuba silahlekwe litamsanqa, Kuba anditeti nge *Sigidimi* sona, kuba uti umntu akugqiba ukusifunda enze umsebenzi we pepa lendaba kade; ukupemba, ukubopa, ukuboleka njalo-njalo nezinye izinto ezifanele ikasi.

Andinabuciko bakuyifaka lendawo kuni mzi wakowetu, mandifanelwe kukuyeka, nokuyibeka ezandleni zenu. Kodwa abantwana benu bona bayakufuna ukunga bangazazi imbali zakowabo zohlanga.

Mandiqoshelise ngokubulela, nditi—" Ningadinwa nango- mso Rev. W. W. Gqoba, Mr. J. Vimbe, Rev. P. J. Mzimba, Rev. C. Pamla, Mr. W. K. Ntsikana Nombali ete yaposiseka makabuye atate enye ngomso, ngokuba le History yakowetu indala, kanjako ipetwe ngentloko zezi ngwevu ngako oko nazo zingabantu zimelwe kukulibala. Azi zakutshona apa iyakuyilwa, ngubanina kuba ngoku angati umntu epuma endlwini abeselepete i pocket-book ayakuhamba ebala zonke izinto ahlangana nazo nahamba ezibona namagama abantu. Azi ke le mbali yohlanga, ke yona iyakugcinwa ngani na, xa ingena ncwadi yayo nje? Mandi- gqibe ngokuti kuni nina ninyamekele uhlanga ningotuki, zinteto zokugxeka nina sisiti—U Nantsi uposisile embalini yake ; into olungileyo iyagxekwa kakade. Masiti sakuninyelisa kube kukona niqubela pambili kuba anenzeli lowo nenzela uhlanga. Imposiso iyaguqulwa kuzo zonke izinto, kanjako ilindelwe kuzo zonke izinto.

Pambili! pambili nto zakowetu.

M. KINASS.

Mount Ayliff, Feb. 1, 1888.

[Inteto yako asikuko nokunyanisa kodwa ke kuko into esisixaki kubantu abafundileyo abantsundu, uninzi Iwabo alukatali nto yabuhlanga nokuba yiyipina. Alukatalele kufunda na ncwadi yasi Xosa, nayasi Ngesi kwa na pepa la ndaba nokuba lelayipina inteto, into leyo enganiki temba nankutazo nakwabebelinga ukwenza incwadi ezinajalo. Into ekulayo ngamakwele (jealousies) *not national ambition,* ati lowo akuvelisa into, babe nekwele abangayaziyo bade bayinyelise nokuyinyelisa nje ngempungutye eyazigxe- kayo idiliya yakubona ingazifikeleli ngemitsi yayo. Ziya- kutengwa ngubani na ke ezo ncwadi? ED. SIGIDIMI

## ISIZATU SOKUXELWA KWE NKOMO NGO NONGQAUSE.

[IVELA KU W. W. G.]

No. 2.

### AMAXEGOKAZI ASE NGXWANGU.

Kutiwa ke kute kwakusa kungabangako nto ngolo Iwesibozo, Iwati ulutsha—Sisaya kuhlola ukuba kuteni na. Hlalani apa, soza kunixelela into ekude kwayiyo. Kwemka kwati be tu bonke abasenamandla kweli zwana lonke, bati abafayo, nentsapo kwezinye. indawo, basala, ezinye indawo zahlala wapalazeka ke umzi ukucitakala. Ahlala ntsukwana lo maxegokazi ase Ngxwangu, kwasa ngomnye umhla, elo liqubula umkuba walo, esimelela eti asingisa e Ncemera esikolweni. Ashiyisana ngamendu, amanye ahamba esiwa, limbi likohlwe nakuvuka, lifike elingasemva ligalele lidlule lingalincedi elo selisadalele. Imini elusizi embi. I-Ngxwangu le yenye yendawo ekwakutiwe maze kulindwe kuyo ngaba kufupi nayo.

### AMAJEKE ENDLELA.

Kutiwa ati akuba kulo mmango upakati kwe Dywarana no Crouch, lavakala elipambili kwamanye lisiti—" Namhla singamajeke endlela, usuku Iwesibozo ludlule, sishiyiwe ngabase nemitsi, kade sixela ! "

### IMPAU ZE MFAZWE.

Ukuba kunje ngoko kutiwa inkomo zixeliwe nje kwaku- senzelwa imfazwe, ngubani na ongaze avele ati imfazwe etile yati ukuze ibeko ema-Xoseni yenzelwa amacebo yinkazana etile, eyayiligogo, kunjalo nje iyintombazana? Ngubani na ongayipikisayo indawo yokuba mpau zemfazwe, kukugungqa kwa madoda, kukusizilwa kwamakaka, kukandwa kwezikali, kupiselwa, kushwanyiswa kwa madoda xa kuko igqira lomkosi. Kuquba kuqube kuvuke ulubo olungumangaliso pakati kwezizwe ezizungulayo kude kupume imikosana engamatutu, engeyiyo eyendlala, eyenza ucekwa, ukuba makude kuliwe, ekunje ngokuba ngeka Hintsa ucekwa kwati- njwa inkomo zaso Mngcangatelweni, zakwaTyali, kwa Mankazana, zino Xabakoxunge (u Xoxo), kwaliwa kwalapo. Ngulo mhla u Xoxo wenziwa umqela entloko, kwaba kupela oko. Kwavakala sokusitsha e Zikuni, kwatsha e Canci. Kum- hla kwasala impahla eninzi kunene, kuba kwasa kungaseko mntu ekampini yasem- Lungwini. Ngu lo nyaka iti inxenye ukuwubiza ngowesiyikili kuba kwasala swekile na kofu namqatane nani. Nanzo ke zona impau zemfazwe ezezakayo ema-Xoseni. Zinjalo zonke imfazwe, zinabo ocekwa bazo. Ezo ndawo zitshoyo kwezo ncwadi asikuko nokuba

ziyalulahlekisa ulutsha olufundiswayo. Baninzi nanamhla nje abantu ababeziyele ngokwabo kwa Gcaleka kwa Mhlakaza, nababe ngamatamba ngezo mini. Lo nteto bayayipikisa mpela. Bati abo bantu babala ukuti kwakufun' ukuze kuliwe ngomsindo nom-Lungu agxotwe kweli lizwe ngelo qinga lokuxelwa kwe nkomo, bati ezo ncwadi zinjalo azinamsebenzi, zifane zaxela izinto ezingazange zibeko, ngokulahlekiswa kwe mbali.

ISIZATU SALO NTETO.

Bati bona ukuyazi kwabo inteto enjalo ivele xa bahamba bekonza becitakele, behamba benyukutywa ngamagogotya, ecenga ngabo ezitandisa ku Belungu, esiti xa ahlekisayo — Kaloku bati xa baxela inkomo zabo bati bafun'ukuze bamgxote um-Lungu, alwe onke ama-Xosa, enomsindo, kuba kungeko uyakulibala zinkomo namhla. Kwaba njalo ukuqaleka kweso sigxeko emva kokuba sezixelwe kade inkomo, kwade kwacitaKalwa. Fanukuba aba babalisi babale ezi ncwadi zinesi silahlekiso babaliselwa ngamagogotya, abantu abebe nekwele ngamatamba. Kufana nokuba kute kule mfazwe ka Ncayecibi ahlulelana ama-Ngqika, bati abaye ngasem-Lungwini kwatiwa igama labo ngama Gxabuza, suke nabo balibekisa kwa elo gama kwabaye emahlatini, kwade kwasuke kwatyeba elo lokuba ama Gxabuza ngabebeye ehlatini.

Kwakona. Into enje ngale yehlela esi sizwe kutiwa ngama-Mfengu namhla nje. Eli gama mhla lafika, lafika no Goceni iDladla, ehamba nomnye. Bati bakubuzwa apo bavela kona bati—Siyamfenguza, kwase kusuleleka izizwe ngezizwe, nezo bezicita ezinye ukuze zimfenguze, ndawonye nezazingatshongo kwa nezingamfenguzanga kweli lasema-Xoseni. Naleyo into seli jikiwe. Iti enye incwadi yababalisi, eli gama liti Mfengu liteta ukuti yinja, into ke naleyo engekoyo kanye. Ukumfenguza kukucitakala, kukuswela ikaya, nento yokuzinceda. Nanko ukumfenguza. Akuzange kube kukuba yinja napakade. Incwadi ezinjalo zingenisa umoya ombi kanjalo ziyalahlekisa, kuba aziteti yona inyaniso, ziyazigqweta izinto ukuzixela. Ukuba eli lizwi liti mfengu beliteta ukuti yi nja, kunjani na le nto lingaziwayo ngabanini nteto ukuba liteta lo nto? Lo nto ibonisa ukuba ligqwetwa ngabom ukuze lidale umoya ombi pakati kwama-Mfengu nama-Xosa kuba kusitiwa elo gama lavela kuma-Xosa.

IMFAZWE EYAKE YAKO.

Into kambe esingade siti yayibumfazwana ukukolisa abatanda ukuyibiza njalo, ngu Pato obeti ngenxa kwa yokulamba amane ezitintela inqwelo ezivela e Monti zisiya e Qonce, kwade kwa ngulo nyaka wokufika kwa ma-Jelimeni. Kanjalo belifile mpela pakati komntu wonke olambileyo notyayo, nokuba baluhlanga lunye kungeko sahluko. Imikosana ebihlal'ihlatywa kulo milanjana yonke, ibimininzi, ngenxa yamatutu amatamba, kwaye kunjalo nase- masimini, nase zintlanti emakaya.

Injalo ke into eyake yabako ngencitakalo ka Nongqause. Enye into ekwayimposiso yile kutiwa—Oyena ubeteta ezi zinto ngu Mhlakaza, u Nongqause ngowavela yena ngoku- ncedisa u Mhlakaza lowo. Akuko nto yake yanjalo. Yimfazwe yapi na ema-Xoseni apa eyake yakelwa imizi, yambelwa izisele, yahlatyelwa izindlu, yasikelwa intsuba, yanyatyelwa inkomo. zaqashwa imipefumlo?

EZONA MPAU ZEMFAZWE.

Ukuba zazixelwa nje inkomo kwakusenzelwa imfazwe kunge kuhlatywe inkabi zodwa, kwasizilwa amakaka, kwakandwa kunene izikali kulo lonko elasema Xoseni, kwapiselwa. Kunge kubeko amagogo anje ngo Mlanjeni, no Nxito, okulungisa amadoda ayakulwa imfazwe. Ukuba yayi licebo le mfazwe, kuteni na ukuze zingabiko ezo zinto? Lo nto ibonisa mhlope ukuba akuko nyaniso kulo nteto isel'isezincwadini ezishicilelweyo esingazibiza ngamagama eziti—Ama-Xosa ayesenza icebo lokwenza imfazwe yokugxota a-Belungu kulo mhlaba.

UBUNQINA BENKOSI ZAMA-XOSA.

Zininzi inkosi ezabanjwayo ngalo nto ka Nongqause, kwa ne bezinxanyelwe ukubanjwa kuba zigqibise abantu wacitakala umhlaba ngenxa yeli cebo kutiwa yayilele mfazwe.
Zonke bezizibuzela ngamazwi ati—Sinatyala lani na kubani na, sixele inkomo zetu nje, emhlabeni wakowetu, saye silinde uvuko Iwe zihlobo zetu nezafa kudala emanya-ngeni, kwaye okunye silindele kwa novuko Iwezi nkomo sizixelayo, kuba kutiwa ziti inkosi ezo zizakuvuka masizixele, kuba sizifuye ngezandla ezimdaka ezipata ubuti nezinye izinto ezinje ngemibulo nokurexeza? Yini na ukuze zitsho ukuzipendulela kwazo xa kanti bezixela inkomo zifuna ukwenza imfazwe. enkulu kangaka.

UKUZILWELA KUKA TOLA.

Imi Dange ibimacala mabini, ibiko eka Botomane, ikwako neka Tola, nantso imbali yawo kwi *Zigidimi* zeminyaka edluleyo.

Ke u Tola watimbisa walwa no Gola inkosi yom-Lungu efunelwa kwa ukubanjwa naye kwa ngenxa yesi sizatu sabanjelwa ezinye inkosi. Watimba wada waya kufela kufupi, ne lenyati walwa nje nge gora kunye no nyana bake, waye xolele ukufa kunokuba abanjelwe inkolo awayenayo kunye namakwabo kuvuko ekufeni obe lulindelekile. Wafa u Tola nje nge nkosi, wafa nje nge gora kunye no nyana bake wafa nje nge kolwa enamatele elunqulweni Iwake.

Zezo ndawana ke ezi kutiwa yayi yimfazwe? Yayi yimikwa yendhlala leyo kuba kakade nanamhla nje ngenxa ledlala wambi amasela ayatimba alwe kuf'abantu, ati ukuba oyisile abasukele abanini mpahla-Maninzi amatutu abeko ngo Nongqause, nje ngokuba ehlala-ebako, kwa nezigebenga ngamaxesha endlala kwakudala. Baninzi nabafele emasimini abo kwi ndawo ngendawo kwa namasela ngamanye amaxa. Yilomfazwe na ke leyo?

UKUNDULULWA KWEZIZWE.

Kute ke kuba ibisipitipiti, engonwabile amagogotya ngamatamba aqutywa yindlala, kwaba bupitizela kwade kwabako imikosana epumayo ukuya kundulula abantu abebesahleli kwa semanxiweni. Kwaba njalo, wade umhlaba omninzi wakolisa ukuba yintlango ngenxa yemikosi enjalo, ukuze emva koko kusuke kutiwe umhlaba bawuwele bawushiya.

No Sarili wandululwa kwa yimikosi enjalo ukuze alishi- ye elakowabo asinge kwela ma-Mpondomise ukuze kutiwe naye umhlaba wake uwuwele wawushiya, ukuze aseleba ngu- mntu osikelwe ngu Rulumente nje utatyatwe omninzi uni- kwe ezinye izizwe. Naye nanamhla uwubanga kwa nge- zwi eliti—Lomhlaba ka Gcaleka ndiwuwele ngani na kubani na? “ Ndihlabe inkomo zakowetu zodwa, akuko zam- Lungu, utatyatwa ngasizatu sini na lo mhlaba ka Kauta? Kunani na ukuba zonke inkosi ezisekoyo nezingasekoyo zitete elilizwi xa zikalazela ukubanjwa kwazo (ezaba- njwayo) nezisekoyo, kunye noninzi olwa lungamatamba kwa nababe ngamagogotya ngezo mini abatanda ukucuba ukozo Iwe nyaniso malunga nembangeli yokuxelwa kwe nkomo- ngo Nongqause?

INYANISO YAYINGEKO OKO.

Ukubonisa ukuba le nto iyinyaniso yayishiywa ngezo mini, encetezwa amatamba ku-Belungu, into eninzi kunene ya- bantu ababe ngaxelanga, inxenye baxela inxenye ye nkomo kuba le nto ibingangeni kakuhle, koko sebesoyika inkosi zabo ezixelileyo, inxenye ijanyelwa ngamarele yimizalwana yayo kwade kwasuke kwafika imofu, zati ke zakufa yimofu inko mo zabo zincwatywa bekangele bonke (kuba imofu le ike yoyikwa ema-Xoseni kakulu ayandulanga ityiwe kwanase zikolweni ke kona) zati zakupela kwezipele kubo, bayakuvukela kubazalwana babo, basuka nabo batukwa kwa ngobutamba kwatiwa ukuvinjwa kwabo—“ Benizixela nje ezenu nisiti namhla nje um-Lungu niyakumweza ulwandle, hleli nje beninyeke ukuze nize kukataza tina? ” Azikavukina kaloku, benite ziyakuvuka nje?

OYIPIKISAYO LE NGXELO MAKAVELE.

Lengxelo yale mbali yo Nongqause isenawo amawaka— waka amanqina asapilileyo angati ose necwenene lokupike- la ukuti—“Inkomo zaxelwayo nje kwakufunwa icebo elindoqo lokoyisa um-Lungu, avele mhlope nezake izizatu, bese ko nje, kwakunye nabantu ababe kulo nto, bengevi nga kutyelwa bona, kuba le ndawo asikuko nokuba iyalahlekisa kulutsha olufundiswa le mbali, kungoko sisalatayo esi siposo sikulu kangaka. Asingaba bodwa abalahliweyo kuyo le ndawo yale mbali. Yonke into nenga Belungu nabapesheya kwa manzi abatenge ezi ncwadi zinayo le mbali, kwa nababaliselwayo, yonke lo nto ibambe isisila se hobe kuba ayizange ibeko lonto.

UKUGQWETWA KWEMBANGI KUXELWA INKOMO.

Namhla nje eyona nto sekudume yona nede yabalwa ezincwadini zababalisi abatile kutiwa—Eyona mbangeli yokuxelwa kwenkomo ngumzi ka-Xosa, yayilicebo le nkosi

zama-Xosa ukuba mazixelwe inkomo, ukuze bonke abantu balwe nom-Lungu benemisindo, kungeko uyakulibala zinkomo, ukuze namhla um-Lungu aye kugalelwa elwandle ancanyiswe umxelo.

UKULUNGISA ESO SIPOSO.

Lo nteto itshoyo asikuko nokuba iposisile, ayinalo nesuntswana elincinane le nyaniso, kunjalo nje isisintsompoti esingafani nanto. Nomntu ongqondo ilingeneyo nje kodwa ebengayifuzisa nezinye izinto lo nto ayibone ukuba inteto enjalo xa ebewazi ama-Xosa, nokutanda kwawo inkomo ne nkolo yawo Kuvuko Iwa bafileyo ukuba ayingeze yaba yinyaniso ngapandle kobuntsomi.

## IMBALI ZAMANDULO.

[QITALA LAKWA NGQIKA.]

Nkosi—Amanyange anje ngo Tshunungwa iciko ebeliwongamele amaciko onke, nonyana wake u Maxama wakwa Ndlambe, no Jan Tshatshu no Peke umpakati wake, nento eninzi kwezinye izizwe sebetshonile; namavo abebe man'ukusifundisa ngawo akolise ngokutshona nabo. Ababalisayo ngoku abasakwazi ukuzicokisela nje ngamanyange lawo. Namhla nje kuko indlela yokuba lowo azazele, ati nomfana abe nje ngenyange ukuzazi izinto zakudala. Nditsho ngokuzilesela ezincwadini, abakolisa ke ngoku kweli pepa lase Dikeni lingumhlahla-ndlela ukusinika amabali amandulo, ukuze sipepe indawo ezimbi, silinganise ezilungileyo, nje ngezi bezisenziwa yingxamsholo,—ibali lika Langa—esiti sakuzilesa zibe yimbamba mvelo, siti azi, ngebe baninzi abanje ngo Nqeno. Sibone ezikohlakeleyo ebe zisenziwa ngu Ngqika sizipepe.

Noko ke ubalileyo njalo kusanqweneleka. Ubusityele ukuba u-Nantsi wazala u-Nantsi njalo njalo, ulanda ude uye kufika eluzizini Iwenkungu yakudala, apo namanyange alahleke apambana kona. Makungabi njalo nakubazu- kulwana betu, ngezinto ezazeka kakuhle namhla nje, mazi- balwe asipe osenamabali.

Enye indawo esolekayo kula mabali, ngapandle kwendawo zika Nqeno no Ngqika kukunqina kwazo, azinanqata lokutyebisa intliziyo nje ngezindawo ubuzibalisa ngo Nqeno esingati tina luhlanga luntsundu sakuzilesa sizingce ngazo, kanti ke noko kunjalo nje ziko ezinye indawo ezintle esezisitele ngoku.

Esi *Sigidimi* besibalisa ngo Rarabe sandiposa, andazi ke ngoko ukuba walitinina ukulipata elo geza lika Palo, -ebelimana ukuti imini ezi, liblale entabeni pantsi komkobakazi omkulu. Oko bendi kwa Ngqika, waba netyala owuga- uleyo umkoba lowo ka Rarabe, endemka kwa Ngqika usemi, kusalatiswana ngawo. Okwangoku andikwazi, Umfo'mkulu uhleli emtunzini, ukangele imihlambi ehlisa ikweza i Bolo, neyakuqabela e Ncememe. Ezantsi paya ekaya e Bolo inyama iyosiwa. Kuroze udodana lumi ko- mkulu, lume ngomkoba, lunikelane ngenyama, iye kufika kumnumzana iseshushu. Kutiwa yindoda ebisiti ukuba iya kutetisa isizwe, isuke iqubule ikaka ihambe ingace- bisanga bani, sekuhlatywa umkosi, sesizimpokela isizwe ukulandela. Kutiwa namhla waya Ebatenjini eputuma intombi yake, u Ntsusa, esiti aba Tembu bamtukile nge nkomo abazilobolayo, babulala nonyana wake u Cebo, alandela ama Rarabe nje ngoko ebengako. Kute inkosi yakwenzakaliswa ngaba Tembu, yati ingcobo yamapakati ake ayabaleka, yasuka yamngungela yafa naye. Kusekusitiwa ngababalisayo ngalo ndawo,—“ Umawokulu wafa nenkosi.” Um-Xosa unawo amavo, anga akangefi. Nom-Te- mbu unawo, no Mbo unawo, akufuneki ke ukuba kubazukulwana betu kube mnyama kanye, ngendawo zokoko babo.

Lo ’mbali owayebalise lamavo, akabazi na o Nteyi no Ntlukwana, no Qukwana, izidwangube ezashiywa no Ngqika, ukuba zimondle, iziralarume kwinto ekohlakeleyo? Ebengevanga na lo mbaliseli, ukuba kwezi zinto zimbi, ebe zisenziwa ngu Ngqika, ezinye ngo Tutula, ebemane evela lo manene eyiyala eyitetisa inkosi esiti, ezi zinto zibanga ukuba abantu bayishiye? Kuza kuti kwalapo kuvele intanga zenkosi, ziti o Nteyi aba bayitisa amandla inkosi mayenze ngobukosi, ngentando yayo. Mababulawe abo baman'ukuyitetisa. Kwehla kwalanto yakudala eyehla ku nyana ka Solomon, zadelwa ingwevu, kwabanjwa iqinga lododana, wahluka umzi. Yini na ukuba ungasibaliseli ngomhla wasemalindeni, mhla kwapuma u Ndlambe nama Gcaleka bepetwe ngu Nxele, baza ku cita u Ngqika. Mhla ati la madoda abesel'ebalelwa ekufeni, kuyakubonakala namhla nje, ongasenkosini. Tina inkosi yetu siyayitanda, sicase izenzo zayo ezikohlakeleyo zodwa. Bayolela usapo besiti abayi kubuya, bazakufela inkosi yabo. Akuvanga na ukuba kute kwakusa baxoba banxiba izindwe zobugora babo, bayingena impi yama Gcaleka nama Ndlambe bafela ndaweni nye ukuze ama Ngqika selebangazeka eshiya amakulu amahlanu, afe no Nteyi no Ntlukwana no Qukwana zati ezi nto beziseyelisela inkosi zaba ngo Kaka-kampetu, azayazi namhla ekuxa- kekeni kwayo? Le ndawo yindawo enemfundiso kubantu naku ma Tshawe, akulungile ukuba ibube, ati amagama abalondolozi nawo atshone, sekusitiwa u Nteyi wazala u Tyala, u Ntlukwana wazala u Neku, Mayi, Ngcumbe, u Qukwana, wazala u Mboyi no Nxokwana nabanye, kunga biko kumbi kwazekayo. Kanti ke naba nyana bebe bafuzile. Mandiqale ngo Nxokwana. Yena noko bendikolwa nguye, akafikelelanga kubalingane bake, o Tyala no Neku. Waye ndixasile ngo Nongqause, waye ngayivumi imfazwe ka Ncayecibi. Ukububa kwake kuze kushunyayelwa kum ngale nyanga igqitileyo. u Neku ndamncwaba pantsi komkobakazi omkulu emantloko o-Mgwali, ngase Gqolonci. Ebe yindoda exase inyaniso ngenxa zonke; into ebitiyene nenkohlakalo, nenkohliso, nokuba isenkosini nokuba ikumntu omnyama, ingabi nantloni. Ngo Nongqause oko ndandihamba emngcipekweni, akahlukananga nam. Mhlana ndamncwaba, ndeva ukuba kwapuke ingalo yam yokunene. Wayeyala ngamandla onke imfazwe ka Mlanjeni, wazondwa ngalo ndawo ngamawabo anxamela ukumbulala, wasinda ngokubalekela ema-Gqunukwebeni. Okuka Tyala kona kukodwa. Kukwa nje ngokukayise nakuba ebubele endlwini yake engqongwe lusapo Iwake. Le ncwadi iselinde, ngoko ke andisenako ukukulanda ndi- kucokise okwake ndingabuye ndikubuyele.

U Tyala ubube ekuxoleni kwemfazwe ka Ncayecibi. Bekumane kuza kushunyayelwa kum ukuqalwa kwake, kusitiwa pofu akuko ndawo ibuhlungu anayo, waye yena esiti njengokuba ama-Ngqika ecitakele nje, ebuje- Iwe yinkosi yawo, nabantwana bayo babanjiwe? yena unga angafa, angaluboni olusizi. Wawunjalo ke umbiko' omana ukuza kum. Akubanga mzuzu, kwaza kutiwa namhla elo nene ligodukile. Kutiwa amazwi okuyolela kwake wati; “ Wanga u Tixo anganditabata ndinga- luboni olusizi luwuhleleyo umzi wakowetu. Ndi- . hleli nje akuko nto ndiyifezileyo. Yehla imfazwe ye-Zembe ndisala, wacitakala umzi. Kwavela eka-Mlanjeni ndala, ndati akuko nto, uyaseyelisela, ndalahlwa ngamakowetu. Yehla imfazwe yasicita sagxotwa elizweni letu. Kuzakuvela u Nongqause ndibuye ndale, ubuye wacitakala umzi. Namhla kuzakubako le mfazwe ixolayo ngoku, ndibuye ndiyale, wanga umzi uyeva, kanti uzakweyela. Namhla nje asise nankosi, ife yile nto bendiyala, nabantwana bayo basebubanjweni, ndinga nam ndingafa, wanga u Tixo anganditabata.” Wabebekisa kunyana u Ntsangani. Wati namhla kutiwa ama-Ngqika makawele i Nciba, uzuke undincwabe kweli, uze wandule ukuwela. Ugqibe ngelo wagqita kweli hlabati lenkatazo lenyembezi. Ababaninzi emhlabeni apa abafikelele kule ndawo ka Tyala ukuba yena ebe ngumfo obekungati kwizizwe zakudala ezinje ngezama Grike nezama Roma ebekuti kuyo yonke imizi yawo kwenziwe izilinganiso ezizikumbuzo ngomntu onje ngaye kude kube sekupeleni kwamaxesha. Namhla kuncinane esikwenzayo, ngokulishicilela igama lonyana ka Nteyi nokububa kwake, kuze kuti abazukulwana bake bazi ngamagama o Nteyi no Tyala abafele inkosi zabo.

Ukuqoshelisa nditi nakuba ndiwabulela amabali osinike wona, amanqata uwashiyile, kuba ngapandle kwendawo ka Nqeno nale yo Nteyi no Ntlukuwana no Qukwana nonyana babo, ziko ezinye abangazivelisayo abazaziyo, ize zibe ngumfanekiso omhle ngabalindeleyo.

Malunga nento ka Funo, le uti wena yeka Gceya, ndingati isizwe sake oko sasimi e Ngqakayi nase Sheshegu, sabe sidume ngokupikela ukudla um-Lungu, yati le mfazwe yesixengxe, nakuba incukumiso ibingu Tsili umpakati ka Tola, yona imbangi yalo mfazwe ibi kukudla um-Lungu. Yena u Tola lowo ebe lincoko, umfo onoburara enesisa obetandwa kakulu ngabantu bonke abebemazi. Waka wati kum ndigqita emzini wake ihashe lam lenzakele, wandiboleka imbaleki igwangqa lake. Kuti ndakufika ekaya ndiligoduse ihashe, ati unyana ka Funo lakufika aligxote alibuyisele kwa kum, ati nje ngokuba bendi likwele ndakolwa, selifanele mna ndodwa, maliye kufela kum. Kuse ndibona njalo selibuyile indikohli lo ndawo, ngokuba ndingazange ndivume kupiwa nto